



IMINYAKA ELI-10 YAMABALI AMNANDI!



10 YEARS OF STORY POWER!

Iphulo likaNalibali likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa laqaliswa ngokusemthethweni ngoJuni 2012. Injongo yethu yayikukunceda ekwakheni uMzantsi Afrika apho **bonke abantwana befunda ibali, yonke imihla**, ibe iseyiyo nangoku! Uphando lubonisa ukuba abantwana abafundayo baba nesigama esininzi, baba nolwazi oluphangaleleyo ngezinto ezininzi, kwaye bayiqonda bhelele indlela abanye abantu abacinga nabenza ngayo. Okubalulekileyo kukuba, abo bafundela ukuzonwabisa bangaba namathuba angakumbi okuphumelela esikolweni kungakhathaliseki ukuba basuka kumakhaya atyebileyo okanye angathathi ntweni.

The **Nalibali reading-for-enjoyment campaign** was officially launched in June 2012. Our aim was and still is to help build a South Africa where **every child enjoys a story every day!** Research shows that children who enjoy reading have a larger vocabulary, have more knowledge about more things, and can better understand how other people think and behave. Importantly, those who read for enjoyment are more likely to experience success in schooling regardless of whether they come from a wealthier or poorer home.

Ixesha nendawo eningafunda kuyo amabali nomntwana wakho

- ★ Akukho ndlela ichanileyo nengachananga yokufunda nabantwana, funda nje wena qha! Kodwa sinamacebiso ambalwa ngokufunda iincwadi kunye.
- ★ Fundani amabali xa abantwana bakho bekufumanisa kulula ukuzinza, njengasemva kokuhlamba okanye ngaphambi nje kokuba balale ebusuku. Zama ukufumana indlela enisebenzelayo wena kunye nabo.
- ★ Ngamanye amaxesha abantwana abancinci bakufumanisa kunzima ukumamela ixesha elide. Qalani ngemizuzu embalwa nje, nimane nisansisa niye kutsho kwimizuzu eli-15 (nangaphezulu!). Ungamnyanzeli umntwana wakho ukuba akanamdlala – vela nje umzame kwakhona ngengomso.

When and where to enjoy stories with your child


- ★ There is no correct or incorrect way to read with children, as long as you do it! But we do have a few tips for enjoying books together.
- ★ Share stories when your children are ready to settle down, like after bath time or just before they go to sleep at night. Try to find a routine that works well for them and you.
- ★ Younger children sometimes find it difficult to concentrate for long periods of time. Start with just a few minutes, and work your way up to 15 minutes (or more!). Don't force it if your child isn't interested – just try again tomorrow.

Indlela yokufunda kunye

- ★ Hlalani nisondelelane ukuze nobabini nikwazi ukubona imifanekiso namagama asephepheni.
- ★ Funda igama lombhali, umzobi nomguquleli ukuze umntwana wakho aqonde ukuba iincwadi zibhalwa ngabantu abafana naye!
- ★ Funda ngomfutho kangangoko unako. Litshintshatshintshe ilizwi xa kuthetha abantu abahlukeneyo!
- ★ Fumana iindlela zokumfaka umntwana wakho ebalini njengoko ufunda. Ngokomzekelo, mbuze ukuba ucinga ukuba yintoni eza kwenzeka emva koku, thetha ngemifanekiso okanye umcele akutyhilele amaphepha.
- ★ Mcele afunde nawe okanye akubalisele ibali uze ungazilungisi zonke iimpazamo ukuba nje into ethethwa libali icacile.

How to enjoy reading stories together


- ★ Sit close to each other so that you can both see the pictures and words on the page.
- ★ Read the name of the author, illustrator and translator so that your child can appreciate that books are created by people just like them!
- ★ Read with as much expression as you can. Use different voices for the different characters!
- ★ Find ways to draw your child into the story as you read. For example, ask them what they think might happen next, talk about the pictures or ask them to turn the pages for you.
- ★ Invite them to read along or tell the story to you and don't correct every mistake as long as the meaning of the story is clear.



Yiva ukuba ungawasebenzisa njani amabali-ongawasika-ze-uwagcine kunye neballi elikwiNdawo yamabali ngeendlela ezahlukeneyo kubantwana bakho abancinci nabadaadlana.



Find out how you can use our cut-out-and-keep books and Story corner story in different ways for your younger and older children.



Drive your
imagination



IMINYAKA ELI-10 YAMABALI AMNANDI!



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGEBALI.


Ibali LikaNa'ibali



Eyona njongo kaNa'ibali kukufundela ukuzonwabisa. Kodwa uphando lubonise ukuba abantu abadala baseMzantsi Afrika kunqabile ukuba bafundele ukuzonwabisa kwaye *abafane* bafundele abantwana babo. Enye into neencwadi namabali awanelanga ngaphandle kwawesiNgesi naweAfrikansi. Abantwana baseMzantsi Afrika baza kukuthanda njani ukufunda xa bengenazincwadi namabali aneleyo okufunda ngeelwimi zabo zeenkobe?

UNa'ibali waqalwa ngenjongo yokufumana, ukudala, ukuguqulela, ukuzoba nokusasaza amabali abantwana abangela umdla, afanele abantwana basekuhlaleni ngazo ZONKE iilwimi zaseMzantsi Afrika simahla. *Eso* yaba sisiqalo sebali lethu ...

The Na'ibali Story



Na'ibali is all about reading for enjoyment. Yet research has shown that South African adults seldom read for enjoyment and *hardly* read to their children. There are also simply not enough books and stories published in languages other than English and Afrikaans. How can the majority of South African children grow a love of reading if they don't have enough books and stories to read in their home languages?


Na'ibali was started to find, create, translate, illustrate and share interesting, locally relevant children's stories in ALL South African languages for free. *That* was the start of our story ...

Iimbilasane zebali lethu ukuza kutsho ngoku

Njengephulo eliphambili eMzantsi Afrika lokufundela-ukuzonwabisa, enye yezinto ezibalulekileyo esizenzayo kukunceda ekuphuhliseni nasekuqiniseni inkqubo yokwelisa uncwadi, ngokukodwa kwiilwimi zaseAfrika ezingamelwanga kangako. Ngenxa yokuba sijolise ekweliseni iincwadi zeenkobe ezingafaniyo, uNa'ibali unceda ekunikeni amathuba ababhali, abaguquleli nabahleli beelwimi zaseAfrika. Ukwabelana ngezinto esinazo namahlakani nemibutho engeyoyangeniso kuthetha ukuba abantwana abangakumbi baza kufumana amabali angakumbi.

Highlights of our story so far

As South Africa's reading-for-enjoyment campaign, a key part of what we do is to help develop and strengthen the literature value chain, especially for underrepresented African languages. Because we consciously focus on producing multilingual materials, Na'ibali helps to provide opportunities for African language writers, translators and editors. Sharing our resources with partners and non-profit organisations means more stories in more languages for more children.



Ukwabelana ngezinto zokufunda eziyoriijinali, ezikumgangatho ophezulu, nekumnandi ukuzifunda

Kule minyaka ilishumi iduleyo, siye senza ezi zinto zokufunda zilandelayo zafumaneka simahla ziprintiwe okanye ngeintanethi:

- ★ ushicilelo olungama-**187** lohlelo lwethu olubhalwe ngeelwimi ezimbini ngeefomathi zeelwimi ngeelwimi. Nyanga nganye, iikopi ezingama-250 000 zolu hlelo zithunyelwa kumakhaya, kwizikolo, kwiiklabhu zokufunda nakwimibutho engamahlakani ethu kwaye zisasazwa naseposini.
- ★ iincwadana zamabali onokuwasika-ze-uwagcine kunye namakhadi amabali angama-**561** ngeentlelo zethu
- ★ amabali kanomathotholo angama-**450** asasazwa ngazo zoli-11 iilwimi zaseMzantsi Afrika
- ★ amabali, amagama anemvano-siqalo okanye imvano-siphelo namakhadi amabali angama-**160** eelwimi ngeelwimi
- ★ iincwadi ezi-**5** zeNgqokelela Yamabali Afundwa Ngokuvakalayo ngazo zoli-11 iilwimi
- ★ izinto zokuqeqesha, izikhokelo zamabali namacebiso Zonke ezi zinto ziyafumaneka kwi-intanethi kwaye zisherwa qho kumajelo okuncokola.

Sixabisa ZONKE iilwimi

Kule minyaka ili-10 iduleyo, uNa'ibali uye:

- ♥ wazisa abantu ngokubaluleka kokufundela abantwana ngolwimi lwabo lweenkobe.
- ♥ waphuma iphulo lokulwela ukuba iilwimi zaseAfrika zigqalwe kwaye ziphathwe ngokulinganayo kuphuhliso lokufunda.
- ♥ wabalaselisa ukubaluleka kokukwazi ukufunda ngokuvakalayo nokubalisa amabali.
- ♥ wenza ukufundela ukuzonwabisa kwayinto ebalulekileyo kuphuhliso lokufunda.

Valuing ALL languages

Over the past 10 years, Na'ibali has:

- ♥ raised awareness of the importance of children learning to read in their mother language.
- ♥ actively campaigned for the recognition and equal status of African languages in literacy development.
- ♥ highlighted the importance of oral literacy and storytelling.
- ♥ positioned reading for enjoyment as essential to literacy development.

Sharing original, high-quality, enjoyable reading resources

We have made the following reading resources available free of charge in print and online:

- ★ **187** editions of our bilingual supplement in multiple language formats.
- ★ **561** multilingual cut-out-and-keep books and story cards via our supplements.
- ★ **450** radio stories broadcast in all 11 South African languages.
- ★ **160** multilingual stories, rhymes and story cards.
- ★ **5** Read-Aloud Story Collection books in all 11 languages.
- ★ training materials, story guides, tips and advice.

All these resources are available for online and shared via social media regularly.



Uqeqesho nokufikelela kuwo wonke uMzantsi Afrika

UNal'ibali uyile ingqokelela eluqilima yamavolontiya anceda abantu bakwazi ukufunda elizweni lonke. La mavolontiya aquka:

- ★ **Abaququzeleli Bamabali**
- ★ **Iinkokeli ZeFUNda**
- ★ **Iinkokeli namavolontiya eeklabhu zokufunda**
- ★ **Abacebisi ngokufunda**
- ★ **Abaququzeleli beewekshopu**



Amavolontiya ethu asincedile sasasaza uNal'ibali ezixekweni, kwiidolophana nasezilalini kuMzantsi Afrika uphela. Aye amela uphuhliso lokufunda kwiindawo ahlala kuzo, aza asungula iiklabhu zokufunda ezingaphezu kwama-11,000 elizweni lonke.

UNal'ibali uphinda asebenzisane nabapapashi beencwadi abanjengoJacana noNew Africa Books, amashishini anjengoVolkswagen SA, amaziko karhulumente anjengePosi YaseMzantsi Afrika nesebe lemfundo, nemibutho engeyoyangeniso efana noBook Dash noWordworks, ukuze ayile aze ashere amabali ngeelwimi ezingakumbi. Amashishini anjengoPick 'n Pay noBoxer Stores aye aba zizazulu zokusasaza izinto zethu zokufunda ezibhalwa ngeelwimi ezimbini.



Training and outreach across South Africa

Nal'ibali has built a strong network of literacy volunteers throughout the country.

- ★ **Story Sparkers**
- ★ **FUNda Leaders**
- ★ **Reading club leaders and volunteers**
- ★ **Literacy mentors**
- ★ **Workshop facilitators**



Our volunteers have helped grow Nal'ibali's footprint in cities, small towns and rural areas across South Africa. They have championed literacy development in their communities, and launched more than **11 000 reading clubs** nationally.

Nal'ibali also collaborates with book publishers like Jacana and New Africa Books, businesses like Volkswagen SA, Pick n Pay and Boxer stores, government institutions like the SA Post Office and Department of Basic Education, and non-profit organisations like Book Dash and Wordworks, to create and share more stories in more languages.

Ukuqahagamshelana nabantwana elizweni lonke

Sifuna ukufikelela kubantwana abaninzi kangangoko kumakhaya, kwizikolo nakwimibutho emininzi kangangoko sinako ngokuthi sifumaneke kakhulu kwizinto zedijithali. Ngoku ungakwazi ukusifumana nanini na nokuba uphi na! Ibe, awuyi kubhatala nesenti emdaka yedatha!

Connecting across the country

We want to reach as many children in as many homes, schools and organisations as possible by building a strong digital presence. Now you can find us at any time and from any place! And, at zero data charge!



Izinto esijonge ukuzenza

Ukusuka ngowama-2022 ukuya kowama-2024, sijolise:

- ★ Ekwenzeni ukufunda kube sisiqhelo emakhayeni
- ★ Ekuxhaseni ixesha lokufunda ngokuvakalayo kumaziko e-ECD, kwiikhreshi nakwiiklabho zokufunda zabahlali
- ★ Ekwenzeni izinto zokufunda zasimahla zifumaneke ngakumbi
- ★ Ekusebenziseni amajelo eendaba nophando ukuze sazise abantu kwaye sibashukumisele ekwenzeni

Izinto uNal'ibali anethemba lokuba uza kube ezenzile ngowama-2024:

- ✿ Ukunika **iisayithi zokoqobo ezingama-5,000** izinto zokufunda zasimahla
- ✿ Ukuxhasa **abantu abangama-3,000 abafumana imali-nkxaso karhulumente** ukuba basebenze ekuhlaleni
- ✿ Ukuxhasa **iiklabhu zokufunda ezingama-8,600**
- ✿ Ukufikelela **malunga nama-400,000 abantwana** ngeeklabhu zokufunda nangemibutho engamahlakani ethu
- ✿ Ukufikelela **abantu abangama-41 ezigidi** ngamajelo amakhulu eendaba nangamaphulo elizwe aqhubela abantu esenzweni

Uhambo lweNal'ibali luye lwajabulisa kuze kube manje. Kodwa lokhu kumane nje kuyisiqalo - futhi sizohubeka nomgomo wethu kuze kube yilapho zonke izingane eNingizimu Afrika sezithole ithuba lokufunda ukuthanda izincwadi nezindaba, ngezilimi ezizikhulumayo neziziqondayo.

Uhambo lukaNal'ibali belubangela imincili ukuza kutsho ngoku. Kodwa ke isesisiqalo nje esi - ibe siza kuqhubeka nephulo lethu de wonke umntwana eMzantsi Afrika abe nethuba lokufunda ukuthanda iincwadi namabali, ngolwimi aluthethayo naluvayo.

Sicela abazali, ootitshala, ababhali nabazobi, amashishini norhulumente basincedo sifeze iphupha lethu: **uMzantsi Afrika apho suku ngalunye umntwana ngamnye efunda ibali.**



What happens next

For 2022-24, we are focusing on:

- ★ Building family reading habits in homes
- ★ Supporting read-aloud time in ECD centres, preschools and community reading clubs
- ★ Scaling up access to free reading materials
- ★ Using media and research to raise awareness and spark action

What Nal'ibali hopes to be doing by 2024:

- ✿ Providing free reading materials to **5 000 physical sites**
- ✿ Supporting **3 000 people with government stipends** to work in communities
- ✿ Supporting **8 600 reading clubs**
- ✿ Reaching **about 400 000 children** via reading clubs and partner organisations
- ✿ Reaching **41 million people** via mass media and national calls to action

Nal'ibali's journey has been an exciting one so far. But this is just the beginning and we will continue with our mission until every child in South Africa has the opportunity to learn to love books and stories in the languages they speak and understand.

Help us make our dream a reality: **a South Africa where every child enjoys a story every day!**



Drive your imagination

Sebenzisa ubugcisa bakho!

Indlela yokusebenzisa amabali ethu ngeendlela ezahlukeneyo

Uhlelo ngalunye lunamabali amabini onokuwasika-ze-uwagcine ongawenza iincwadi ezincinci; kunye nebali elikwiNdawo yamabali ongalisika, ulincamathele kwikhadibhodi uze uligqume ngeplastiki ukuze lihlale ixesha elide.

Ibali ngalinye lingasetyenziswa kubantwana abakubudala obungafaniyo. Kwanabantwana abancinci abangekakwazi ukuzifundela bangawathanda la mabali. Nantsi indlela:

★ **Balisela umntwana wakho ibali** Qala ulifunde ibali uze uprekthize ukulibalisa. Sebenzisa ilizwi, ubuso nomzimba wakho ukuze ubenze baphile abalinganiswa belo bali. Ngokomzekelo, sebenzisa amazwi ahlukeneyo kubalinganiswa abahlukeneyo, ubuso bubonise ukukhedama xa loo mlinganiswa edanile, uze ungugqele macala onke ukuba loo mlinganiswa ukhwele itreyini okanye iteksi.

★ **Mfundele ibali umntwana wakho** Hlalani nisondelelane ukuze wonke umntu awabone amaphepha ebali. Ncokolani ngemifanekiso. Ngoxa nifunda, buza, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva kwale?" okanye "Ucinga ukuba uye wathini okanye wenza ntoni lo mlinganiswa?" kabini okanye kathathu.

★ **Funda ibali kunye nomntwana wakho** Tshintshisanani ngokufunda ibali. Ungamlungisi xa ephazamile, uze umncede kuphela xa ekucelele.

★ **Mamela umntwana wakho xa efunda** Mamela ungamphazamisi. Mncede umntwana wakho kuphela xa ecela uncedo. Mxelele ukuba uyakuthanda ukummamela xa ekufundela ngokuvakalayo.

★ **Yenzani izinto ezikwindawo ethi Yenza ibali linike umdla!** Ukwenza ezo zinto nabantwana bakho kuza kuba mnandi kuwe nakubo.



Get creative!

How to use our stories in different ways

Each supplement has two **cut-out-and-keep books** which you can make into little books and a **Story corner story** to cut out, paste on a piece of cardboard and cover with plastic to make it last a long time.

Each story can be used with children of different ages. Even young children who are not yet able to read on their own can enjoy the stories. Here's how:


★ **Tell the story to your child.** First read and practise telling the story. Use your voice, face and body to bring each character to life. For example, use different voices for different characters, make a sad face if the character feels sad, and sway from side to side if the character is travelling in a train or taxi.

★ **Read the story to your child.** Sit close together so that everyone can see the story pages. Talk about the pictures. While you read, ask, "What do you think happens next?" or "Why do you think the character said or did that?" a couple of times.

★ **Read the story with your child.** Take turns to read the story together. Don't correct their mistakes, and only help if they ask for it.


★ **Listen to your child read.** Listen without interrupting. Only help if your child asks for help. Say that you enjoy hearing them read aloud to you.

★ **Do the Get story active! activities.** Doing the activities with your children should be fun for you and them.



Khulisa ithala lakho leencwadi. Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Grow your own library. Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your
imagination



Ngosuku olandelayo, uGogo wathuma uLungile evenkileni ukuba aye kuthenga isonka. The next day, Gogo sends Lungile to the shop to buy bread.



"Ndiza kukunceda," watsho uLungile. "Enkosi Lungile!" "I will help you," says Lungile. "Thank you, Lungile!"

Lots more free books at bookdash.org



Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba umfanekiso wakho kaMama uKhwilimanzi nabantwana bakhe ababini. Wufakele imibala lo mfanekiso.
- ★ Iibhotile ezophukileyo, iiplastiki nenye inkunkuma ingayingozi kakhulu kubantwana abancinci nakwizilwanyana. Zeziphi izinto ezi-4 ongazenza ukuze unciphise inkunkuma esikolweni sakho okanye kwindawo okuyo?
- ★ Sebenzisa ucingo nezinye izinto onazo ukuze wenze imoto yocingo efana nekaLungile.

Get story active!

- ★ Draw your own picture of Mama Heron and her two children. Colour in the picture.
- ★ Broken bottles, plastic bags and other litter can be very dangerous to small children and animals. What 4 things can you do to help reduce litter in your school or community?
- ★ Use wire and any other materials that you have to make a wire car like the one Lungile has.

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Ndiza kukunceda



I will help you

Andrea Abbott • Olivia Villet • Fathima Kathrada

Izinto eningancokola ngazo: Ubungaziva njani xa umntu ekunceda ngengxaki onayo? Ungabanceda ngaziphi iindlela abahlobo bakho, intsapho okanye abantu basekuhlaleni abanengxaki?

Ideas to talk about: How do you feel when someone helps you with a problem? In what ways can you help your friends, your family or your community with a problem?



“Andikwazi ukugoduka, ndiye
ebantwameni bam.”
“I can't get home to my children.”



Endleleni, wadibana nabahlobo bakhe
waza waya kudlala nabo emlanjeni.
On the way, he stops to play with his
friends in the river.

“Shu!”

UMama uKhwalimanzi wenzakaliswa lucingo
oluhlabayo ephikweni nasemlenzeni wakhe.

“Ouch!”


Mama Heron hurts her wing and leg on
barbed wire.



“Enkosi, Mama uKhwalimanzi.”

“Thank you, Mama Heron.”





Ethubeni elingephi watika uMakhulu ngenoto katata kaMadoda nezinye izaalwana zekhayazi zisuka eKhimballi. Bonke babediniwe kukuhamba indlela ende. Abantwana babaleka baphuma phandle ukuya kuhlangabeza uMakhulu. Wayekhangeleka emhle. Wayeneeglasi zamehlo ezintsha. Then Gogo arrived by car with Madoda's father and other relatives from Kimberley. They were all tired after the long journey. The children ran out to Gogo. She looked lovely. She had new glasses.

Then the cake arrived. It was the biggest cake they had ever seen. Two people had to carry it into the house! The candles were of three different colours – twenty candles in each colour. The men put the cake in the bedroom to keep it safe. Madoda and Lunga stayed with the cake for a long time. Madoda could feel a grumble start in his tummy. "Can I have just one piece of cake?" asked Madoda. "No! We will get into trouble," said Lunga. "Then just one piece of icing?" begged Madoda. "No!" said Lunga. "Wait. It will be much better if you wait."

Ekubambeni kwexesha yatika ikeyiki. Yayiyeyona keyiki inkulu kwezakha bazibona. Kwafuneka ibanjwe ngabantu ababini xa ingeniswa endlwini! Amakhandlela ayo aveyimbala emithathu eyahlukileyo – engamashumi amabini kumbala ngamnye. Amadoda ayibeka ikeyiki kwiqumbi lokulala ukuzwe ikhuseleke. UMadoda noLunga bahlala nekeyiki leyo ixesha elide. UMadoda waqalisa ukuya ukugquma kwesisu sakhe. "Ndingathatha iqhekezana nje elincinci kule keyiki?" wabuza uMadoda. "Hayi!" watsho uLunga. "Linda. Kwakuba bhelele kakhulu ukuba ulindle." "Hayi! Siya kuba sengxakini," watsho uLunga. "Kungenjalo ke, mandifumane iqhekezana nje elincinci kwelli gaga liphlophe liswiti lihombise apha ngaphhezulu" wacenga watsho uMadoda. "Hayi!" watsho uLunga. "Linda. Kwakuba bhelele kakhulu ukuba ulindle."



HEARTLINES
The Centre for Values Promotion



Xa ufuna inkcazelo engakumbi nceda uthumele i-imeyili kwidilesi ethi info@heartlines.org.za okanye ufowunele kule nombolo 011 771 2540.

For more information, please email info@heartlines.org.za or phone 011 771 2540.

Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba umfanekiso wekeyiki yakho yomhla wokuzalwa yasemaphupheni.
- ★ Dlalani lo mdlalo njengentsapho. Qho qalani ngale ndlela: *Epatini nditye ...* Umntu wokuqala uchaza uhlobo olunye lokutya. Umntu wesibini uthi: *Epatini nditye ...* aze aphinde uhlobo lokutya oluchazwe ekuqaleni aze ongeze olunye uhlobo lokutya. Umntu olandelayo uqala ngendlela efanayo, achaze iintlobo ezimbini zokutya ekuqalwe ngazo aze ongeze olunye njalo njalo. Umntu ophumelelayo ngowokugqibela ukukhumbula zonke iintlobo ezahlukeneyo zokutya.

Get story active!

- ★ Draw pictures of your dream birthday cake.
- ★ Play this game as a family. Each time start like this: *At the party, I ate ...* The first person says one type of food. The second person says: *At the party, I ate ...* and repeats the first food type and adds another kind of food. The next person starts the same way, says the first two foods and adds another one and so on. The winner is the last person who can remember all the different kinds of food.

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



Itheko




The Party

Gcina Mhlophe • Arnold Birungi

Izinto eningancokola ngazo: Ncokolani ngazo naziphi izihlandlo ezikhethekileyo zentsapho eniye nazibhiyozela kunye. Kunjani nje ukulinda isipho, ukutya, okanye umntu okhethekileyo ukuba afike?

Ideas to talk about: Talk about any special family occasions that you have celebrated together. How does it feel to have to wait for a present, for the food, or for someone special to arrive?



On Friday Lunga and Madoda helped to pick the vegetables from the garden. They picked pumpkins and sweet potatoes and beans and spinach. They helped with the baking and they put the sweets into bowls. Finally, the sun rose on the long-awaited day. The sky was a clear blue and the cock crowed to wake them up: "Cock-a-doodle do-o-o; cock-a-doodle-do-o-o!"

The cooking started in the early morning. Slowly, the delicious smells filled the air as the meat and other good foods cooked in big pots.

Ngolwesihlanu uLunga noMadoda bancedisa xa kukhiwa imifuno egadini. Bakha amathanga, ibhatata, imbotyi kunye nesipinatshi. Bancedisa ngethuba kubhakwa, baza bazibeka neeswiti kwizityana zazo.

Ekugqibeleni, lada laphuma ilanga lomhla ekudala ulindiwe. Isibhakabhaka sasisihle, siluhlaza, sicwengile, umqhagi wakhonxa ukuvusa wonke umntu: "Ku-ru-ku-ku-u-u; ku-ru-ku-ku-u-u!"

Kwqaliswa kwakusasa ukuphaka. Kancinci, kancinci, laye liqalisa ukuvakala ivumba lezipheko ezimnandi kuloo moyana wawulapho, njengoko inyama nezinye izidlo ezimnandi zaziphakwe kwimbiza ezinkulu.

Bathi nje ukuba bagqibe abantwana ukubulisa uMakhulu, babaleka bephindela ekeyikini. Kwakushushu kakhulu ekameleni, kwaye enye yeentyatyambo ezikumagaga aswiti amhlophe aphezu kwekeyiki yayimybilikile yehla ngecala lekeyiki. "Ndingathatha nje oku kwale ntyatyambana, Lunga? Akho mntu uya kuqaphela." watsho uMadoda.

As soon as they had greeted Gogo, the children went back to the cake. It was hot in the bedroom and one of the icing flowers had slipped down the side. "Should I just take this flower, Lunga? No one will notice," suggested Madoda. "No! Wait. It will taste much better if you wait," said Lunga. "Can I just put the tippy-tip of my finger in the icing at the bottom, Lunga?" pleaded Madoda. "No!" scolded Lunga. "Go outside and play, and stop thinking of the cake!" Madoda was sad. How much longer must he wait?



ULunga noMadoda babengabazala kwaye bengabahlobo abakhulu kakhulu. Babedlala kunye isoka, futhi bezonwabisa kakhulu ngaloo nto. Babekhuphisana ngokubaleka, babekise xa begoduka ukuphuma kwesikolo ukuze babone ukuba ngubani na oyinjuze kunomnye. ULunga wayesoloko emhleka uMadoda kuba wayesoloko ekhalaza ngokuba ulambile.

Lunga and Madoda were cousins and very good friends. They played football together and enjoyed themselves a lot. They raced each other home after school to see who was the fastest. Lunga often laughed at Madoda because he was always complaining of being hungry.

Ekugqibeleni, uMakhulu wade wayisika ikeyiki. Wathatha isilayi sokuqala wajonga kubo bonke abantwana abamrhangqileyo.

"Isilayi sokuqala," watsho uMakhulu, "sesikaMadoda – kuba ukhangeleka ngathi uya kusuka agqabhuke ukuba kungafuneka alinde ngaphezu koku!"

Ikeyiki yayimnandi kakhulu – ngaphezulu le kwendlela awayeyicingela uMadoda! Iqweqwana eliswiti elingumphezulu wekeyiki lashiyeke kwimilebe yakhe ngethuba ehlafuna kamnandi emlonyeni umphakathi wayo othambileyo noswiti.

ULunga wamjonga umzala wakhe. "Injani Madoda?"

Umlomo kaMadoda wawugcwele kakhulu, kwaba nzima nokuphendula! Kodwa uncumo lwakhe lwayinika impendulo anokuba ufuna ukuyithetha. Waqonda kwangoko ukuba ngenene ibiyinto ekufaneleyo ukulindwa le!

“Hayi! Linda. Iya kuba mandi kakhulu xa uthe walinda,” watsho uLunga. “Ndingayibeka nje kancinci intloko kacikicane wam phaya kwelaa gaqana liswiti limhlophe lingaphantsi ekeyikini Lunga?” wacenga watsho uMadoda. “Hayi!” wangxola watsho uLunga. “Hamba nje kudlala phandle, uyke ukube ucinga ngale keyiki!” Waba lusizi uMadoda. Kufuneka ade alinde ixesha elingakamani kanti?




At last, Gogo cut the cake. She picked up the first slice and looked at the children around her.

“The first slice,” she said, “is for Madoda – because he looks as though he’ll burst if he has to wait any longer!”

The cake tasted delicious – better than Madoda had ever imagined! The icing stuck to his lips as the soft, sweet inside crumbled in his mouth.

Lunga looked at his cousin. “How is it, Madoda?”

Madoda’s mouth was too full; he couldn’t say a word! But his smile did the talking. Now that was worth waiting for!



Father came into town to order the birthday cake. Everyone was waiting to taste it. There would have to be many, many candles. Would they all fit on? The children would have to help Gogo to blow them out.

Utata wayeye edolophini ukuya kwenza i-odolo yekeyiki yomhla wokuzalwa. Wonke umntu wayelindle efuna ukukhe ayingcamle. Kwakufuneka kubekho amakhandla amaninzi. Ingaba onke aya kwanela phezu kwekeyiki? Kuya kufuneka abantwana bamcedise uMakhulu ukwawuthela. Bancokola ngokuba ingaba iza kuba njani na ikeyiki. Maxa wambi uMadoda wayevula imagazini zikamama azame ukuzibawisele nokwabizisa ukutya okumandi okusemaphempheni emagazini. Owu, indlela abadesuka bavuze ngayo amathe kuloo milioniyana yabo; kwakunzima kubo ukulinda ukufika kwemini enkulu!



Ngenye imini, uMalume weza neleta eposini. Yayiziindaba ezimnandi! UMakhulu wayeza kubatyelela esuka eKhimbali. Yayiza kuba ngumhla wakhe wokuzalwa wokugqiba iminyaka engamashumi amathandathu. Kwakusele kulithuba elide bagqibelayo ukumbona uMakhulu.

Avuya kakhulu la makhwenkwe. Onke amalungu osapho lwakowabo ayeza kubakho, izihlobo nabamelwane. Kwakuza kubakho ukutya okuninzi – ukutya okumnandi kwetheko elilodwa!

“Vala amehlo akho Madoda. Uyabona ukuba itafile enkulu idekiwe? Khawucinge ngeeswiti, ijeli nekeyiki. Cinga ngekeyiki Madoda!” watsho uLunga, ubuso bakhe ebujolise ngaselangeni.



One day, Uncle brought a letter from the post office. It was good news! Grandmother was coming to visit from Kimberley. It was her 60th birthday. They had not seen Gogo for a long time.

The boys were excited. The whole family would be there, as well as friends and neighbours. And there would be lots of food – delicious food for the special occasion!

“Close your eyes, Madoda. Can you see it all laid out on a big table? Imagine the sweets, the jellies and the cake. Imagine the cake, Madoda!” said Lunga with his face to the sun.

Kwiveki elandelayo bathatha uhambo oluya edolophini kuyokuthengwa. Amakhwenkwe nawo ahamba ukuya kuncedisana nabantu abadala. Bathenga irayisi, umgubo wokuxova, ikhastadi, ijeli, ibhaluni, izinto zokuhombisa, kunye neeswiti ezininzi. “Ingaba singakhe sifumane ngoku apha eziswitin?” kwabuzwa uMadoda. “Hayi!” watsho umama. “Kufuneka nilinde umhla wetheko. Nakulumoshha eli theko ukuba nizitya ngoku iswiti.” “Ibe nje qha, awungendincedi?” wacenga watsho uMadoda. “Hayi!” watsho uMakazi. “Zifundise ukulinda. Izinto ziba mmandi kakhulu xa uthethe walinda ixesha lazo.”


The next week there was a shopping trip to town. The boys went along to help the grown-ups. They needed rice, flour for baking, custard, jelly, balloons, decorations and lots of sweets.

“Can we have some sweets now?” asked Madoda.

“No!” said Mother. “You must wait for the party. You will spoil the party if you eat the sweets now.”

“Just one, ple-e-ease?” begged Madoda.

“No!” said Aunt. “You must learn to wait. Things are much nicer if you have waited for them.”



Kungekudala bonke abantu bangena endlwini beze kutshintsha iimpahla ezimdaka, beza kunxiba iimpahla zabo ezintle zetheko. Zafika iindwendwe zokugala. Aye efika ngokufika amaqela ngamaqela abantu. Waza mntu uthile wenyusela phezulu umculo. Wonke umntu wayethethela phezulu, kuhlekwa, kutyiwa. Then everyone came inside to change into their best clothes for the party. The first people arrived. More and more people arrived. Someone turned up the music. Everyone was talking and laughing and eating.

Ekugqibeleni uMama noMakazi bahamba baya kulanda ikeyiki. Bonke abantwana babaleka baya kwitafle enkulu engaphandle.


UMakhulu wazama ukuvuthela amakhandlela, kodwa ayemaninzi kakhulu. Ngoko ke abantwana kwafuneka bamncedise. “Khawulezisa Makhulu, khawulezisa!”

Babengasakwazi ngoku ukulinda, selinga alisafiki ixesha lokuba bangcamle olwa qweqwe lumhlophe lwekeyiki lungaphezulu, kunye nobuqu bekeyiki ethambileyo engaphakathi kulo. Iintyatyambana ezihombise emacaleni ekeyiki zazinga zithi, “Sityeni, sityeni!”

At last Mother and Aunt fetched the cake. The children ran to the big table outside.

Gogo tried to blow out the candles, but there were too many. So the children helped her. “Hurry, Gogo, hurry up!”

They couldn't wait to taste the pink icing, and the soft cake inside. The flowers around the edge seemed to be singing, “Eat us, eat us!”



“Eyishi! Imali ilahlekle.
 “Ungabuyeli apha ekhaya ude ube
 uyifumene loo mali!”
 Eishi! The money is gone.
 “Don’t come home until you find
 that money!”



“Kutheni uila nje Mama uKhwaimanzi?”
 “Why are you crying Mama Heron?”

“Ndiza kukunceda”

Amehlo kaMama uKhwaimanzi abukhali
 azibona iingqekembe zemali zimenyezela apho
 emanzini.


“I will help you.”

Mama Heron’s sharp eyes see the coins
 shining in the water.






“Ndingcedeni bantu.”
“Please help me.”



“Ndonzakele. Andikwazi ukugoduka ndiye ebantwaneni bam.”

“I am hurt. I can't get home to my children.”




“Kutheni ulila nje Lungile?”
“Why are you crying, Lungile?”

“Ndilahle imali ebendiyinikwe nguGogo ukuze ndithenge isonka. Ngoku asinaso isidlo sangokuhlwa.”

“I lost the money Gogo gave me to buy bread. We have no supper now.”






Bhiyozela uvuyo lokufunda!




Umntwana ngamnye makabaliselwe ibali yonke imihla!



Celebrate the joy of reading!

Let every child enjoy a story every day!



Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo: • Contact us in any of these ways:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.twitter.com/nalibaliSA)

info@nalibali.org



UKhanya nephela



Ibhalwe nguLori-Ann Preston ■ Imizobo izotywe nguChantelle noBürgen Thorne

"Lixesha lokulala ngoku, Khanya," watsho uMama.

"Hayi, hayi," waphendula uKhanya. "Andiyi ukuyolala mna namhlanje, Mama."

UMama akazange ayithande le nto ayithethayo, "Ngoba mntanam? Kusebusuku ngoku ibe uya esikolweni ngomso."

"Andiyi ukuyolala kuba ndoyika amaphela," watsho uKhanya.

"Kodwa Khanya," watsho uMama. "Asinamaphela nje apha ekhaya."

"Akhona!" wamphikisa uKhanya. "Ndiwevile. Ibe ndiqinisekile ukuba ayabhabha angene ngefestyle yam ebusuku."

"Masambe siyojonga egumbini lakho," wacebisa watsho uMama. "Emva koko, siza kuyivala ifestile yakho."

UMama noKhanya bakhangela amaphela egumbini. Bakhangela yonke indawo: phantsi kwebhedi, emva komnyango, phantsi kwemeti, kwibhokisi yezinto zokudlala nasezikhathini. Uthe uKhanya akwaneliseka ukuba akukho nelinye iphela egumbini lakhe, uMama wamphuzisa emvaelisa, wacima isibane waza wawala umnyango wegumbi lokulala.

Kodwa, bobabini babechithe ixesha elide bekhangela amaphela, kangangokuba babelibele ukuvala ifestile!

UKhanya wangena phantsi kwe-duvet, wagona i-teddy bear yakhe waza wacinga ngesikolo ngengomso. Kuthe xa busithi sebe-sebe ubuthongo weva isandi esingaqhelekanga. KRRRR! KRRRR! Wawavula ngoko nangoko amehlo akhe. Wathi ncwaba akashukuma.

KRRRR! KRRRR! Ngokuqinisekileyo sasikho isandi esikrikizayo esasivela phiphiphi apha egumbini lakhe. Kodwa sitsho phi? Yintoni le yayisenza eso sandi? Ngaba yayiliphela? UKhanya wolula ingalo ngobunono wayisa ecaleni waza walayita isibane esisecaleni kwebhedi yakhe.

Walaqaza ejonga egumbini. Heke! Okwamvuyisayo kukuba, wayengaboni nto ingaqhelekanga. Uthe kanye xa ecinga ukuba ebephupha xa ebesiva into ekrikizayo, ikhethini yaqalisa ukushukuma saza isandi saya sivakala kakhulu. KRRRR! KRRRR! UKhanya wothuka wabanda. Wathi ntsho amehlo akhe kwiikhethini, esoyika nokuphefumla oko.



Kwathi gqi elona phela libi, librawuni lihamba linqumla kwiikhethini zakhe ezintle ezityheli emva koko labhabha linqumla laza kuhlala ebhedini yakhe. Yhoo! UKhanya watsala iduvet wagquma intloko yakhe ngayo waza waqalisa ukungcangcazela.

Into eyamothusayo uKhanya kukuba, weva ngelo phela lithetha. "NdinguMnumzana uPhela Elindwebileyo kunjani namhlanje?" lambulisa latsho.

UKhanya wathi cwaka. Wayengashukumi kwaye esazifihle nge-duvet yakhe.

"Awusekrwada nje!" latsho iphela. "Umamakho zange akufundise ukuba nembeko?"

"Ndinembeko mna," wasebeza watsho uKhanya esazigqume nge-duvet. "Kodwa ndikoyika kakhulu, futhi uMama wathi ndingabothetha nabantu endingabaziyo."

"Ewe, unyanisile. Awufanelanga uthethe nabantu ongabaziyo," lavumelana naye iphela. "Yhazi yintoni, mandiyi kumama wakho ndiyozazisa ukuze ndaziwe."

UKhanya wayesazifihle nge-duvet ibe waphendula, "Ndicebisa ukuba ungenzi loo nto

Mnumzana uPhela."

"Ngoba?" labuza iphela lididekile kuba lalicinga licebo elihle nyhani elo!

"Kuba uza kutsho ngesikhalo xa ekubona ndiqinisekile ngaloo nto," waphendula uKhanya. "Kwaye, mhlawumbi uza kukubetha ngomtshayelo wethu."

"Yhoo!" latsho iphela. "Imitshayelo noomama abatsho ngezikhalo zizinto ezoyikisa nyhani."

"Mnumzana uPhela," watsho uKhanya. "Ukuba ndiyayisusa le duvet entlokweni yam, uyandithembisa ukuba awuyi kundiluma?"

"Ndingayenzela ntoni into yokukuluma?" labuza iphela, liphelile yintsini.

UKhanya wayisusa ingubo entlokweni yakhe waza waphendula, "Kanti asiyonto yenu na leyo nina maphela?"

"Tu kanti!" laphendula iphela.

"O! Yintoni ke into eniyenzayo?" wabuza uKhanya.

"Izinto ezininzi," lacacisa iphela. "Eyona nto ndithanda ukuyenza mna yi-tap dance. Ndiyicwaba nyhani bonanje kuba ndinemilenze emithandathu." Iphela laqalisa ukujayivela uKhanya kumgangatho wakhe owenziwe ngeplanga.



"Yhoo," waphendula uKhanya. "Hayi uyayicwaba. Ngaske ndibe nemilenze emithandathu. Yintoni enye okwazi ukuyenza?"

UMnumzala uPhela Elindwebileyo wolula iimpiko zakhe, "Ndiyakwazi ke nokubhabha, kodwa ke manditsho ukuba andimdanga kakhulu ke kuleyo."

"Owu, ingaske ndibe neempiko njengawe," waphendula uKhanya. "Yeyiphi enye into ebanga umdla okwaziyo ukuyenza?"

"Ndinezi mpondo," laphendula iphela, linikina intloko yalo.

"Zezokwenza ntoni?" wabuza uKhanya, ngoku owayesele ehleli eludini lwebhedi yakhe.

"Zindinceda ndenze isigqibo ngendawo endimele ndiye kuyo," lacacisa iphela.

"Owu, ingaske ndibe neempondo," waphendula uKhanya. "Phofu, ingaske nje ndibe liphela!! Kodwa ke ndibe lelinemibala-bala – mhlawumbi oluhlaza onamachokoza asepulu natyheli."

"Kumnandi nyhani ukuba liphela," latsho iphela. "Kodwa Khanya, ubusazi ukuba umhle kanye ngale ndlela uyiyoyi?"

"Enkosi, Mnumzana uPhela," watsho uKhanya. "Ndiyavuya ndidibene nawe. Kuthe kanti awoyikeki tu kwaphela!"

"Nam ndikuvuyele ukudibana nawe," laphendula iphela. "Ungathanda ukudibana nentsapho yam?"

"Ewe, ndingavuya nyhani," waphendula uKhanya enemincili. "Baphi?"

"Bahlala phaya phantsi kweplanga lomgangatho wakho," latsho iphela, lisalatha ngomnye wemilenze yalo kwikona yegumbi lokulala likaKhanya.

"Yha, ndiyatsho mos!" watsho uKhanya. "Ndiqondile ukuba kukho amaphela egumbini lam. Nibangaphi kwintsapho yakho?"

"Siliwaka elinababini," laphendula iphela, lisitsho ngolukhulu lona uncumo.

Yenza ibali linike umdla!

★ Ngaba uyawoyika amaphela? Zoba umfanekiso wephela eloyikekayo. Ngoku zoba umfanekiso wephela elinobuhlobo.

★ Yiba ngumkhangelisi wamagama! Fumana ngalinye kula magama ebalini uze ufumanise ukuba ngalinye lichaza ntoni: esikrikizayo; libi; ngesikhalo; ngeplanga; lelinemibala-bala.

★ Sesiphi isinambuzane obungakhethe ukuba siso? Zenze ngathi usisinambuzane ngokushukumisa iingalo zakho ngathi ziimpiko zize izandla zakho zibe ngathi ziimpondo zaso. Yenza izandi ezenziwa seso sinambuzane.



Drive your
imagination



Khanya and the cockroach

Written by Lori-Ann Preston ■ Illustrated by Chantelle and Burgen Thorne

"Bedtime, Khanya," said Mama.

"No, no," replied Khanya. "I'm not going to bed tonight, Mama."

Mama was not pleased, "Why not, my child? It is late and you have school tomorrow."

"I'm not going to bed because I'm scared of cockroaches," said Khanya.

"But, Khanya," said Mama, "we don't have cockroaches in our house."

"We do!" argued Khanya. "I've heard them. And I'm sure they fly in through my window during the night."

"Let's go check your room," suggested Mama. "After that, we'll close your window."

Mama and Khanya searched the room for cockroaches. They looked everywhere: under the bed, behind the door, under the mat, in the toy box and in the cupboards. Once Khanya was satisfied that there was not one cockroach in her room, Mama gave her a good night kiss, switched off the light and closed the bedroom door.

But, the two of them had spent so much time searching for cockroaches, that they had forgotten to close the window!

Khanya snuggled under her duvet, cuddled her teddy bear and thought about her day at school tomorrow. She was just about to fall asleep when she heard a strange sound. CRRRR! CRRRR! Her eyes shot open. She lay absolutely still.

CRRRR! CRRRR! There was definitely a soft clicking, chirping sound coming from somewhere in her room. But where? What was making the sound? Was it a cockroach? Khanya slowly stretched her arm to the side and switched on her bedside lamp.

She looked around the room. Phew! Thankfully, she couldn't see anything strange. Just when she thought she must have dreamed the clicking, chirping sound, the curtains started to move and the sound got louder. CRRRR! CRRRR! Khanya was absolutely terrified. She stared at her curtains, not even daring to breathe.

Suddenly, the ugliest dark-brown cockroach came crawling across her pretty yellow curtains then flew across and landed on her bed. Oh no! Khanya pulled the duvet over her head and began to shake.



To Khanya's complete surprise, suddenly she heard the cockroach speak. "I'm Mr Rocky Roach, and how do you do?" it greeted.

Khanya said nothing. She kept very still and continued to hide under her duvet.

"How rude!" said the cockroach. "Did your mother forget to teach you manners?"

"I have got manners," whispered Khanya from under the duvet. "But I'm very, very scared of you, and besides my mama taught me not to speak to strangers."

"Yes, that is true. You shouldn't speak to strangers," agreed the cockroach. "I'll tell you what, I'll go introduce myself to your mama then I won't be a stranger anymore."

Khanya remained hidden under the duvet and replied, "That's not a very good idea, Mr Roach."

"Why not?" asked the cockroach puzzled because he thought it was an excellent idea!

"Because she'll definitely scream when she sees you," replied Khanya. "And she will also probably whack you with our broom."

"Oh no!" gasped the cockroach. "Brooms and screaming mamas are very scary."

"Mr Roach," said Khanya. "If I take this duvet off my head, will you promise not to bite me?"

"Why on earth would I bite you?" asked the Cockroach, laughing.

Khanya took the blanket off her head and replied, "Isn't that what cockroaches do?"

"Certainly not!" replied the cockroach.

"Oh! Well then, what do you do?" asked Khanya.

"All sorts of things," explained the cockroach. "My favourite thing to do is tap dance. I'm actually very good at it because I've got six legs." The cockroach started to dance for Khanya on her wooden floor.

"Wow," replied Khanya. "You really are very good at that. I wish I had six legs. What else can you do?"

Mr Rocky Roach spread out his wings, "I can fly of course, but not very well, I must admit."

"Oh, I wish I had wings like you," replied Khanya. "What other cool tricks can you do?"

"I have these antennas," replied the cockroach, swinging his head from side to side.

"What are those for?" asked Khanya, who was now sitting on the edge of her bed.

"They help me decide where to go," explained the cockroach.

"Oh, I wish I had antennas," replied Khanya. "In fact, I think I wish I was a cockroach!! But I'd like to be a colourful one – maybe green with purple and yellow spots."



"It is very nice being a cockroach," said the cockroach. "But Khanya, you do know that you are special just the way you are?"

"Thank you, Mr Roach," said Khanya. "I'm so glad I've met you. You're actually not scary at all!"

"I have enjoyed meeting you too," replied the cockroach. "Would you like to meet my family?"

"Ooh, yes, please," replied Khanya excitedly. "Where are they?"

"They live under your floorboard, over there," said the cockroach, pointing with one of his legs to the corner of Khanya's bedroom.

"Aha, I knew it!" said Khanya. "I knew there were cockroaches in my room. How many family members do you have?"

"One thousand and two," replied the cockroach, with a great big smile.

Get story active!

- ★ Are you afraid of cockroaches? Draw a picture of a scary cockroach. Now draw another picture of a friendly cockroach.
- ★ Be a word detective! Find each of these words in the story and then find what each of them describes: chirping; ugliest; screaming; cool; colourful

- ★ Which insect would you choose to be? Pretend to be an insect by moving your arms like wings or your hands like feelers. Make the sounds the insect makes.



Drive your
imagination

Okokuzonwabisa kwakwaNa'ibali

Na'ibali fun

1.

UNa'ibali ugqiba iminyaka eli-10 kulo nyaka!

☞ Fumana indlela yokuthi "min'emnandi" ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika.

Na'ibali is 10 years old this year!

☞ Find out how to say "Happy birthday" in all of South Africa's official languages.



Mahlatse le mahlogonolo letsatsing la matswalo!

Hi tlangela siku ra ku velekiwa!

Usuku lokuzalwa oluhle!

Gelukkige verjaardag!

Mini emnandi kuwe!

Happy birthday!

Lusuku lwekutsalwa loluhle!

Masego a letsatsi la botsalo!

Mahlohonolo a letsatsi la tswalo!

Ilanga elihle lamabeletho!

Duvha lavhuqi ja mabebo!

2.

Fumana "amagama omhla wokuzalwa" kwiibloko zokukhangela amagama.

Find the "birthday words" in the word search blocks.

A	U	M	N	Q	W	E	N	O	V
M	I	N	E	M	N	A	N	D	I
A	T	W	A	Z	A	L	W	A	K
K	H	Q	W	V	I	U	Z	J	E
H	E	X	P	A	A	C	G	L	Y
A	K	E	S	E	K	E	L	I	I
D	O	H	P	I	Z	I	F	B	K
I	I	T	S	H	I	P	S	I	I

- WAZALWA
- IKEYIKI
- IIKHANDLELA
- AMAKHADI
- IITSHIPSI
- ITHEKO
- IZIPHO
- CULA
- IILEKESE
- UMNQWENO



B	B	A	C	T	C	H	I	P	S
N	I	W	E	G	A	P	A	T	D
P	R	E	S	E	N	T	S	U	R
A	T	E	O	P	D	G	W	K	A
R	H	F	I	G	L	N	E	J	C
T	D	C	A	K	E	I	E	R	S
Y	A	M	U	X	S	S	T	P	R
V	Y	Z	A	M	W	I	S	H	N

- BIRTHDAY
- CAKE
- CANDLES
- CARDS
- CHIPS
- PARTY
- SWEETS
- WISH
- SING
- PRESENTS

3.

Ungakwazi ukuchaza izinto ezintandathu eyahluke ngazo le mifanekiso mibini?

Can you find six differences between these two pictures?



AbakwaNa'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Qhagamshelana nathi** nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Na'ibali is here to motivate and support you. **Contact us** in any of these ways:

- www.nalibali.org
- www.nalibali.mobi
- [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
- info@nalibali.org

Produced by The Na'ibali Trust. Translation by Mosekola Solutions. Na'ibali character illustrations by Rico.

